

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Uyolo lwasekhitshini



ISIXHOUSA

Inqanaba:

1

Incwadi

3



Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwasigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundu ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelewe encwadini.
- Gxinisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxinisa ekufundeni kakuhle, igrاما nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetenzana efanele umgangatho wabafundi.



Abafundi mabenze umdlalwana
ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda
ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele
abafundi basebenze ngokwamaqela benze
imisebenzi efanelekileyo yokufunda
ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini.
Mabangabhalu kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo
mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Uyolo Iwasekhitshini

Iziqulatho

Iingcebiso kubapheki abancinci	2
Iizixhobo zompheki	3
Iimbuoso ezhlekayo	4
Isaladi yeziqhamo	8
Amaqebengwana amibala-bala	10
Iayisikhrim emnandi	16
Iikhrampethi	20
Isiseloe esinqumbululu	22



Lingcebiso kubaphiki abancinci



Imilinganiselo eluncedo



itisipuni eli-1 = 5 ml

icephe eli-1 = 15 ml

ikomityi e-1 = 250 ml

Izixhobo zompheki



ikomityj yokulinganisa

amacephe okulinganisa



iiglavu zeoveni



icephe leplanga

isitya sokuxubela



ifolokhwe



ipani yokubhaka



amacephe



intluzo



jjagi



ibhodi yokunqunqela



isiqhuqhi solwelo



imela



isakhelo sokupholisela



ipani yamaqbengwana



isikhuphi-ncindi



ipani yokuqhotsa

Iimbuso ezihlekayo

Yenza iimbuso ezihlekayo.

Izixhobo

- izitya ezi-3
- icephe



Imiqathane yeMarie eli-12

- itisipuni
- itreyi

- imela
- icephe leplanga

Izithako



Ikomityi yeswekile
yokuhombisa e-1



amacephe amanzi ama-2



Iilekese noojuphujuphu

Ihafu yetisipuni yesijika-bala
sokutya esizuba. Ihafu yetisipuni
yesijika-bala sokutya esimthubi.



iilekese eziyimitya

Indlela yokwenza

1



Sefela iswekile yokuhombisa esityeni. Galela amanzi. Dibanisa kungabikho zigaqa.



2

Yahlula umxube wakho ngokulinganayo kwizitya ezi-2. Galela isijiki-bala esizuba kwesinye isitya uze ugalele esimthubi kwesinye.



3

Beka imiqathane etreyini.



4

Qaba iswekile yokuhombisa
ngemela ebuthuntu.

5



Hombisa imiqathane ibe ngathi ziimbuoso
usebenzise iilekese, oojuphujuphu nemitya.
Ziyekе ithutyana ukuze ziqine.



6




Yitya
imiqathane
yakho emnandi.



Isaladi yeziqhamo

Yenza isaladi yeziqhamo yasehlotyeni eneevithamini.





Izixhobo

Imela

Ibhodi yokunqunqela

Isitya

Isikhuphi-ncindi



Izithako

iorenji e-1

ipopopo e-1

ipayina eli-1

ama-apile ama-2

iibhanana ezi-2



Wenza ntoni?



Chuba ama-apile uze
uwanqunqe abe ngamaqhekezana.

1

2

Xobula iibhanana
uzinqunqe.





3

Xobula ipopo uze
uyinqunqe ibe
ngamaqhekezana.



4

Xobula ipayina
uze ulinqunqe
libe
ngamaqhekezana.

5

Dibanisa
iziqhamo esityeni.



6

Cudisa iorenji.

7

Galela
incindi phezu
kweziqhamo.



Amaqebengwana amibala-bala



La maqebengwana amibala-bala amnandi
ungawalungiselela itheko lokuzalwa, uSuku loo Mama
okanye xa undwendwelwe zizihlobo.

Izixhobo

Intluzo



Isitya sokuxubela

Isitya esincinci

Ikomityi

Icephe

Itisipuni

Icephe leplanga



Ifolokhwe

Ipani yamaqebengwana



Isakhelo sokupholisela

Iiglavu zeoveni

Izithako

Intlama yamaqebengwana



Ikomityi zomgubo ezi-2

Ikomityi yeswekile e-l

Amatisipuni egwele ama-2

Amacephe ebhotolo okanye
emajarini ama-4

Ikomityi yobisi e-l



Amaqanda ama-2

Isihombiso

Ikomityi yeswekile
yokuuhombisa e-l

Icephe lamanzi eli-l



Isi- $\frac{1}{2}$ setisipuni
sesijiki-bala lokutya

Indlela yokwenza

Dibanisa ibhotolo neswekile ngecephe leplanga.

Qhuqha amaqanda uze uwagalele kumxube webhotolo,
dibanisa nobisi nevanila.

Dibanisa ngecephe kungabikho zigaqa.



Sefela umgubo kunye negwele kulo mxube uze udibanise.

Yikha ngecephe ugalele intlama kwizikhongozelo zephepha uze
uzifake epanini yokubhaka amaqebengwana.

Bhaka kwioveni enobushushu obukwiqondo le-180C

kangangemizuzu engama-20 ukuya kuma-30 zide zibe bugolide.

Wapholise amaqebengwana akho.





Landela iresiphi ekwiphepha lesi-5 ukuze
wenze isihombisi. Qaba amaqebengwana
isihombisi ngemela ebuthuntu.



Hombisa ngeelekese nezifefezi.



Beka amaqebengwana ahonjisiweyo
epleyitini.



Yonwabela amaqengwana amnandi.

Iayisikhrim emnandi

Zipholise ngemini etshisayo ngeayisikhrim emnandi.



Izithako

- Iayisikhrim
- Ibhanana enye
- Izifefezi
- Amandongomane
- Amaqunube itsheri

Indlela yokwenza

1 Yikha icephe leayisikhrim.

2

Galela
icephe
leayisikhrim
esityeni
esincinci.



3

Galela izifefezi ngaphezulu
uhombise iayiskhrim yakho.



4

Galela
amandongomane
acoliweyo
ngaphezulu.





5 Xobula
ibhanana uze
uyinqunque.



6 Beka
amaqhekeza
ebhanana
kakuhle
ajikeleze
iayisikhrim.



7 Okokugqibela,
beka itsheri
ngaphezulu.



8 Khawuyingcamle ke ngoku
iayisikhrim yakho emnandi.





Iikhrampethi



Yonwabela
iikhrampethi ezishushu
ngemini ebandayo.



Izixhobo

- Isitya sokuxubela
- Isitya esincinci
- Ikomityi yokulinganisela
- Icephe
- Itisipuni
- Isiqhuqhi solwelo
- Ipani yokuqhotsa
- Icephe leplanga
- Intluzo

Izithako

- Amatisipuni ebhotolo ama-4
- Ikomityi yomgubo e-1
- Amacephe eswekile ama-3
- Intwana yetyiwa
- Amatisipuni egwele ama-2
- Amaqanda ama-2
- Ikomityi yobisi e-1
- $1\frac{1}{2}$ yetisipuni yevanila

Indlela yokwenza

- I. Sefa umgubo, iswekile, ityiwia negwele uzigalele esityeni esikhulu.
2. Nyibilikisa ibhotolo epanini esitovini uze ujisuse ipani yakube inyibilikile.



3. Qhuqhela amaqanda esityeni esincinci.
4. Galela ubisi nevanila emaqandenii aqhuqhiwego uze udibanise.



5. Dibanisa izithako ezomileyo nezimanzi uzamise kangangomzuzu omnye.
6. Galela icephe okanye intwana yentlama epanini eshushu.



7. Xa kuvela amaqamza, ziguqule iikhrampethi.
8. Zikhuphe iikhrampethi epanini xa zimdaka okwegolide.
9. Mazityiwe ziqatywe ibhotolo okanye isiraphu.



Isisel o esinqumbululu

Zipholise ngesisel o seziqhamo
esinqumbululu

Izixhobo

- Imela
- Ibhodi yokunqunqela
- Iglesi
- Ikomityi yokulinganisa
- Ijagi



Izithako

- Iipesika ezi-2 okanye i- $\frac{1}{4}$ yepayina
- Ibhanana e-l
- Ikomityi yeyogathi e-l (eyamaqunube, eyemango okanye eyeplam)
- Ikomityi yobisi e-l

Indlela yokwenza

1. Xobula iziqhamo.
2. Nqunqa iziqhamo zibe ngamaqhekezana.

3. Galela zonke izithako ejagini.
4. Zidibanise uzacubhe zide zibe nqumbululu.



5. Galela umxube eziglasini uze uzifake efrijini phambi kokuba usele.

Imisebenzi yokufunda yamaqela



1

Thetha nomhlobo wakho ngencwadi
yezipheko.

- a. Sithini isihloko sale ncwadi?
- b. Yahluke njani incwadi yezipheko kweyamabali?
- c. Yeyiphi iresiphi ongathanda ukuyenza?
Ngoba kutheni?
- d. Kutheni le nto iiresiphi zisixeleta ukuba
masisebenzise izithako ezingakanani?
- e. Upheka ntoni ekhaya? Xelela umhlobo wakho
ukuba uyipheka njani loo nto okanye usenza njani
eso siselo.
- f. Yeyiphi imithetho ekufuneka siyilandele xa sipheka?



2

Jonga iphepha leziqulatho uze
uphendule le mibuzo ilandelayo.

- a. Zingaphi iiresiphi ezikhoyo kule ncwadi?
- b. Ikweliphi iphepha iresiphi yamaqbengwana?
- c. Yeyiphi iresiphi ekwiphepha lama-20?
- d. Loluphi ulwazi olufumana kwiphepha lesi-2?



3

Jonga iresiphi yesiselo esinqumbululu.

- Xelela umhlobo wakho ukuba kufuneka wenzentoni phambi kokuba unqunqe iziqhamo.
- Xelela umhlobo wakho ukuba kufuneka wenzentoni emva kokunqunqa iziqhamo.



4

Linganisa ubonise ukuba uayazi intsingiselo yala magama:

- | | | |
|------------|--------------|-----------|
| • dibanisa | • cudisa | • sika |
| • nqunqa | • yikha | • zamisa |
| • xobula | • galela | • guqla |
| • fefeza | • sefa/hluza | • ngcamla |



5

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo:

Izixhobo

Amanyathelo esiwalandelayo xa sipheka.

Indlela yokwenza

ukutya okufunekayo xa uza kupheka isidlo esithile.

Izithako

Izinto oza kuzisebenzisa xa upheka

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi 3

Isihloko:	Uyolo Iwasekhitshini
Ulwimi:	IsiXhosa
Inqanaba:	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 1 Incwadi 3
Uhlobo Iwencwadi:	Isicatshulwa semiyalelo – Incwadi yezipheko
Amagama ajongwayo:	galela, yonwabela, enkulu, usebenzise, yakho, iqondo lobushushu, isikhongozelo
Isigama:	ukulinganisela, izixhobo, indlela yokwenza, umxube, hombisa, imiqathane, iqhekezana, fefeza, igwele, intlama, xobula
Izandi:	<ul style="list-style-type: none">• xh, mb, ngc, qh, nq, q• izikhamiso ezitsalayo: oo, ii• izikhamiso ezimeleneyo: iorenji, ama-apile
Umxholo, amagama nezakhono:	<ul style="list-style-type: none">• Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo esekelwe kwiiresiphi.• Funda uze uphendule imibuzo esekelwe kwiphepha leziqulatho.• Tshatisa imilinganiselo eqingqiweyo nengaqingqwanga.• Khuphela iresiphi ekwincwadi yezipheko oyithandayo encwadini yakho.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesa abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.


Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukujonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2643-7



9 781431 526437



ISBN 978-1-4315-2643-7

**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-3 zoLwimi Lweenkobe:



UMvundlana ughatha uMpungutye

Utyelelo elwandle

Uyolo Iwasekhitshini

Idayari kaNozikhalazo



Izilwanyana ziqhweshile

UThandi unemini embi

Impelaveki esingasoze siyilibale



Irhamncwa ekhabbhathini

Ityala lokulahlekwa kwamaqbengwana

Yinyaniso emsulwa